**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | | |
|---|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi | (2 x 25) | (50) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35) |

8 Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

### UMBUZO 1

1.1 Eso siganeko sabuchaphazela kanobom ubom bam. **[50]**

1.2 Ukufuthelana kwezizwe neentlanga zase-Afrika. **[50]**

1.3 Ifuthe leziyobisi kuluntu. **[50]**

1.4 Isala kutyelwa sibona ngolophu. **[50]**

1.5 Akukho mvuzo kulwaphulomthetho. **[50]**

1.6 Iingcebiso zokukhawulelana nokunqongophala kwemisebenzi. **[50]**

1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch] **[50]**

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhalela kwiSebe lezeMfundo ucele ungenelelo kwiphulo olenzayo lokuvula ithala leencwadi ekuhlaleni. **[25]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umcebise ngendlela anokuzikhupha ngayo kumkhwa wokusebenzisa iselfowni ngokugqithisileyo. **[25]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yeqhawe lengingqi yakho. **[25]**

2.4 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ngomfundi odlalela iqela loMzantsi Afrika. **[25]**

EcoleBooks

2.5 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe phakathi komanejala nomntu owenze isicelo somsebenzi wesingxungxo sokugcina abantwana. **[25]**

2.6 **INTETHO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lomhlobo wakho obhiyozela umhla wokuzalwa kwakhe. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**